



Isalathiso: 20201215-383  
Inombolo yefayili: 13/2/2/B  
Imibuzo: ABalawuli beKharityhulam ye-FET ne-GET

INGcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo lweKharityhulam noVavanyo: 0010/2020

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaqquzeleli boVavanyo neeMviwo, kuBacebisi ngeZifundo, nakwiiNtloko zawo onke amaziko emfundo

Isishwankathelo esifutshane: *Ukubonelelwa ngesikhokelo sokuphunyezwa kwee-Recovery Annual Teaching Plans ngo-2021.*

**Isihloko: Ukukhutshwa kwee-Recovery Annual Teaching Plans zekharityhulam zango-2021**

1. ISebe leMfundo esiSiseko (ISebe i-DBE) likhuphe **iSetyhula S13 ka-2020 (Isihlomelo A)** ngowe-11 Disemba 2020. Le setyhula kazwelonke yakhupha i-Recovery Annual Teaching Plans (ATPs) emaziphunyezwe kumaBakala 1 ukuya ku-12 ngo-2021.
2. ISetyhula S13 yango-2020 itshitshisa yaye ithatha indawo yeSetyhula S2 ka-2020 eyayiqulethe ii-ATPs ezihlaziyiweyo nezilungelelanisiweyo (*revised and trimmed ATPs*) ukulungiselela ukuphunyezwa kwazo ngo-2020 neSetyhula S3 ka-2020 eyayiqulethe isikhokelo sokuphunyezwa kwe-ATPs zango-2020.
3. Ukulungiselela ukunciphisa ifuthe le-Covid-19 ekufundeni nasekufundiseni, iSebe i-DBE lamkele inkqubo yekharityhulam yeminyaka emininzi yokubuyiselwa kwekharityhulam kwimeko yesiqhelo (*multi-year curriculum recovery approach*).
4. AmaCandelo eKharityhulam ye-GET neye-FET aya kuxoxa nge-Recovery ATPs zamaBakala 1 ukuya ku-12 kuzo zonke izifundo. Iinkcukacha zezi seshoni zeengxoxo nengcaciso ziya kwaziswa zonke izikolo ngabaphathi bekharityhulam.
5. Inkxaso engaphezulu ekuphunyezweni kwezi Recovery ATPs zango-2021 iya kubonelelwa ngamagosa ekharityhulam.

6. Ziyafumaneka ii-Recovery ATPs kuzo zonke izifundo namabakala kwiziko lewebhu leSebe i-DBE: <https://www.education.gov.za>.
7. Iyathakazelelwa inkxaso yenu ekuqinisekiseni ukuphunyezwa okuyimpumelelo kwee-Recovery ATPs.
8. Kucelwa iinqununu zazise ngokuqulethwe yile setyhula kubo bonke ootitshala yaye maziqinisekise nokuba bayaya bonke ootitshala kwiiseshoni zeengxoxo nengcaciso.

**ISAYINWE:** NGU-PAD BEETS

**USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO**

**UMHLA:** 2020-12-15